


SIZAKUMENZANI NA LO YESU KUTHIWA NGUKRISTU?

 Ndiza kukhawulezisa, ngokuba ndiyazi ukuba nidiniwe kukuba lapha enkonzweni, (enkosi, mhlekazi), ukuba lapha enkonzweni namhlanje. Ndifuna ukuthabatha nje lo mzuzwana wexesha, phofu, ukuvakalisa umbulelo wam kuMzalwana Demos Shakarian.

² [Yindawo engenanto le ekhathini—Mhl.]... asihlangani njengabakwaMoya, phantsi kwamaqela. Zininzi kakhulu iiyantlukwano. Kodwa inye indawo apho sinezinto ezifanayo khona, kuphantsi kweGazi likaYesu Kristu, nako apho sinemicimbi efanayo khona. Leyo yindlela kaThixo yokuhlangana nathi, nakanjani na. Kwaye akukho ndawo Wathembisa ukuhlangana khona uThixo nomntu, kuphela kuphantsi kweGazi ephalazwayo.

³ Bendicinga phezolo ngoMzalwana wethu, u-Oral Roberts, ekwenzeni kwakhe laa ntetho imangalisayo apha, malunga, “Ngaphakathi kwakhe kanye kuyakuphuma imilambo yamanzi.” Enkulu... Indlela awayizisa ngayo loo nto, malunga, “ngokuphuma kwizibilini zakhe,” ndiyakholwa ebesitsho, “kujuleke, kuyakumpompoza le milambo yamanzi.”

⁴ Wakhe waqaphela, yimilambo yamanzi amanye? “Imilambo,” isininzi; “amanzi,” manye. Hayi imilambo yamamanzi; koko “imilambo yamanzi,” uMoya omnye. “Sibhaptizelwe Mzimbeni mnye ngaMoya mnye.” Kuphuma kuYe ukulunga nobabalo lukaThixo.

⁵ Ke ngoku, nina baseCalifornia, siyakuba kwisizwe senu, ukuqalela kwiveki ezayo, ndiyakholwa, phaya ngaphesheya. Size siqhubele phambili sihle singene eGeorgia, eLouisiana, eFlorida, sihle njalo de siqalise phesheya kolwandle.

⁶ INkosi inisikelele, ngokukhulu. Ndivuyile ngenxa yala manenekazi mancinane ebedlala umculo, nala madoda alungileyo ndihlangene nawo.

⁷ Lo mzalwana mtsha ulapha, uMzalwana Solomon King. Ndisenokuba andilibizi kakuhle. Ndinga ngoKumkani uSolomon, ndisuke nje ndilijike. Kwakungaloo mhla ngoko; lo ngomnye ukumkani, kanaanjalo. Injalo loo nto. Unyana woKumkani, nakanjani na, injalo loo nto; unyana woKumkani; hayi ikumkani, *oyena* Kumkani!

⁸ Ndakukhangela koku, kundikhumbuza apha ezantsi eMexico, kwiminyaka embalwa eyadlulayo kwiSixeko iMexico. Sasilapho ngobunye ubusuku, kwakukho indoda eyimfama, kubusuku obungaphambi kobo, eyathi yeza eqongeni, iyimfama ngokupheleleyo iminyaka emininzi. Ndaiyijonga ezinyaweni. Ndandimi apho ndinxibe isuti eyiyo, izihlangu. Ndajonga kwezayo. Yayiyimfama, inganxibanga zihlangu, ibhulukhwe idlakadlaka, imi phaya phandle kuloo mvula. Owu, mhlawumbi ingamashumi amathathu amawaka, okanye ngaphezulu, bemi apho kuloo mvula, bayamene, kungekho zitulo; belapho ukusukela kusesekuseni ngaloo ntsasa, belindele nje ukungena ngobo busuku. Kwakukho ke le ndoda iyimfama, yathi yamnkela ukubona kwayo.

⁹ Ngobusuku obulandelayo ke, ngokusondeleyo, kumalunga nobungakanani besi situlo silapha buphindwe kabini, nokuba singakubiza kanjani na, koko kwakukwiqonga lonke, yayiziimfumba nje eziphakame ngangokuba ujinga laa mdiyadya, izityali nje ezindala needyasi, nababezinxibile abantu abathi bazijula apho. “Ukuze nje sibe singazichukumisa!”

Abaninzi kubo yayingamaKatolika, kakade, apho kwiSixeko iMexico.

¹⁰ Ndaze ndangena, ndingumProtestanti wokuqala owakhe wangena ngokumenywa ngumkhosi. Sasivela kuNjengele Valdivia, umhlobo wethu lo ulungileyo, aMadoda angooSomashishini eFull Gospel.

¹¹ Ndiyabukhumbula ubusuku, kwabakho isikhalo esivela ngaphandle. Waze unyana wam weza kum, wathi, “Ndinamalunga nekhulu elinamashumi amahlanu labagcini bocwangco, okanye ngaphezulu, abemi phaya, abakwazi kulo mfazi mncinane womSpanish ukumthintela. Unosana olufileyo, lufe ngale ntsasa.” Wathi, “Abakwazi kumgcina ngaphandle loo mfazi.” Wathi, “Uyakutsiba emiqolo kubo nakuyo yonke into.”

Ndaze ndathi, “Ke, longeze nje.”

Wathi, “Akukho nto iyenye ndinokongeza ngayo.”

Ndathi, “Mnike ikhadi lomthandazo.”

Wathi, “Andinalo. Akhutshwe onke.”

¹² Ndathi, “Mzalwana uMoore, hamba uye kumthandazela,” ndathi, “kuba akandazi.” Ndaze ndathi, “Hamba uye kumthandazela. Ndizakuzama ukuthandazela esi sitha sikhulu sempahla, kwimizuzu nje embalwa.”

¹³ Ndathi ndisemi apho, ndakhangela ngaphaya kwesihlewele *kanje*, kwabe kukho phambi kwam usana oluncinane

lomMexico, lungenamazinyo, luncumile nje, kanye apho phambi kwam. Ndathi, “Yima umzuzu nje, Mzalwana uMoore.”

¹⁴ Baza bamzisa loo mfo mncinane. Eloo nenekazi lincinane ke langena, lisiwa phantsi, liphethe umnqamlezwana ngesandla salo. Ndalixelela, ndisebenzisa umzalwana itoliki, ukuba aliphakamise.

¹⁵ Ndaze ndathi, “Mzalwana uMoore, andazi nokuba lulo na olu, okanye hayi, kodwa ndibone usana oluncinane lumi apha phambi kwam, embonweni khona ngoku, luncumile.”

¹⁶ Wayeluphethe ngencinane, ingubo eluhlaza okwesibhakabhaka enemigca emhlophe, imanzi tixi. Yayisina njalo. Kwakumalunga nentsimbi yeshumi ebusuku. Olo sana lwalusweleke ngaloo ntsasa, malunga neyesibhozo okanye eyethoba, kwi-ofisi kagqirha, lunesifo sengqe. Ngoko ke wayemi apho kuloo mvula. Iinwele zakhe zijinga ebusweni kuye, kwaye wayengumntwana othandeka kakhulu. Wakhangeleka ngokungathi eneneni, lusana lwakhe lokuqala, ekwiminyaka edlule kancinane kumashumi amabini. Yaye loo mfo mncinane wayeswelekile.

¹⁷ Ndabeka nje izandla zam phezu kwalo, ndaze ndathi, “Nkosi Yesu, andiyiqondi lento, kodwa ngokwalaa mbono ndiwubonileyo...” Kwathi nje ukuba nditsho, lwakhabalaza lwakhala, wabe loo mfo mncinane ephilile.

¹⁸ Ndandikunye noMzalwana u-Espinoza ke. Bangaphi abamaziyo u-Espinoza, uMzalwana u-Espinoza? Nguye owayilandelayo loo nto, ukuya kutsho kwi-ofisi kagqirha, wafumanisa ukuba iyinyaniso, 'yabona, injalo loo nto, oloo sana lwalufe ngaloo ntsasa, ukuya kusayina ingxelo.

¹⁹ Ke ngoko ngoku UsekwanguThixo omnye namhlanje, ukuba nje sinokuba nolo hlobo lunye lokholo kuYe. Injalo loo nto.

²⁰ Bawo wethu waseZulwini, thumela kuthi olo kholo lwaloo mfazi mncinane waseMexico, namhlanje. Wayebone leyo incinane, indoda eyimfama iphilisiwe, kubusuku obungaphambili. Emi apho phandle nosana lwakhe, kuloo ngqe, umoya obhudlayo, lwangenwa sisifo sengqe. Kwaze kwathi ngentsasa elandelayo, kwakusasa, lwafela kwi-ofisi kagqirha. Inginga yakhe yokuqala eyafikayo, “Ukuba uThixo unokuphilisa amehlo angaboniyo, unako ukutyhila imfihlakalo yentliziyo, iseliLizwi likaThixo elo, kuba iLizwi likaThixo licalula iingcingane ezisentliziweni.” Kwaye wazi ukuba Yena wayenako ukucalula iingcinga ezazisentliziweni yakhe. Wakholwa kuYe, nokuba Wayenako ukuvusa uLazaro engwabeni, nokuba wayenguYe izolo, namhlanje, nangonaphakade. Weza, waze Wena wamvuza, Nkosi, ngokumbuyisela usana lwakhe. Luyaphila namhlanje, ngokokwazi kwethu. SiyaKubulela ngalento.

²¹ Sisikelele, namhlanje, Bawo. Sikelela aba bantu banezi tshefu needyasi zibekwe apha, ngokunjalo. Kwaye wanga uMoya oyiNgcwele waKho ungeza ngoku usabele iLizwi likaThixo. Sicela eGameni likaYesu. Amen.

²² Ndiyazi ukuba nizakuba nentlanganiso kwimizuzu embalwa, okanye ngentsimbi yesihlanu ndiyakholwa. Yaye oko esiqhelweni kundinika ithuba lokuba ndibe ndiqalisile, kodwa ndi—ndiguqukile kuloo nto ndiyacinga, ngoku. Ndizame kakhulu kule veke, ndihlaselwa ngumqala obuhlungu, mhlawumbi oko bekusebenziselana okulungileyo.

²³ Ndakhe ndabaxelela abantu ngenye imini, nda—ndandineenwele ezifakelwayo ezincinci, kodwa ndandineentloni ukuzifaka ngokuba ndandingxolise abafazi kakhulu malunga neenwele zabo. Ndaza nda—ndathi iinwele zam mazisuswe ngencindi ye-carbon. Kwathi ke ngobunye ubusuku ndavula olwaa cango, umoya omncinane wangena uphuma apha, bendingacingi ukuba ndiyakubuya namhlanje. Ndathi, “Ukuba u-Oral Roberts ulapha, angandimela, ukuba uyakuba nako.” Akakabonakali ke, ngoko ndizakufunda iSibhala, nindithandazele ke.

²⁴ KuMateyu oNgcwele, isahluko sama-27, siqala ngevesi ye-11, ndinqwenela ukufunda khona. Ngoku uphulaphulisise ekufundweni kweLizwi. Kuba, elam ilizwi lilizwi lomntu, liyakusilela. ElaKhe iLizwi alinakusilela, ngoko ke ngoku phulaphulisisa sisafunda.

²⁵ Yaye kuqala, ngeli thuba nityhilayo, ndingathanda ukwazisa ukuba umzalwana u-Oral Roberts, uzakuhla aye ezantsi eJerusalem, kananjalo, ngokuhlwa ngolwesiHlanu ozayo, ngoko niyafuna ukuhla nize nonke. Nithi, “Billy?” kukho umntu othe iFlorida ililizwe ledinga, ndiyacinga ukuba nam ndinokuyibiza iTucson, Jerusalem. IPhoenix isengxingweni, yabona, kwaye iJeriko yayizezantsi nje emfuleni ukusuka eJerusalem. Andinakuze ndiphume apha ngolo hlobo, ndiyakukwazi? UMzalwana u-Oral Roberts uzakuthetha ngolwesiHlanu ozayo ngokuhlwa yaye ndiqinisekile ukuba niyakuvuya kakhulu ukumva. Sakuvuya ukunamnkela apho ezantsi.

²⁶ Isahluko sama-27, umqolo we-11.

Wema ke uYesu phambi kwerhuluneli: yambuza irhuluneli, isithi, Unguye na uKristu wamaYuda? Wathi ke uYesu kuyo, Nawe utsho.

Ke kaloku ekumangalalelweni kwakhe (ngabakhulu) ngababingeleli abakhulu namadoda amakhulu, noba . . . akaphendulanga nto.

Aze athi uPilato kuye, Akuziva na ukuba zininzi kwazo iindawo abazingqinayo ngawe?

Akaphendula zwi noko lilinye; yade yamangaliswa kakhulu irhuluneli. . .

Ke kaloku imithendeleko. . .ngemithendeleko irhuluneli ibiqhele ukuzikhululela izihlwele umbanjwa abe mnye, lowo babesithi bamfune.

Baye ke ngelo xesha benombanjwa owayesazeka, ekuthiwa nguBharabhas.

Bakubon'ukuba ngoko bahlanganisene, wathi kubo uPilato, Nithanda ukuba ndinikhululele wuphi na? UBharabhas, uYesu ekuthiwa nguKristu kusini na?

Kuba ebesazi ukuba bamnikele ngomona.

Akubon'ukuba uhleli, uhleli esihlalweni sokugweba, umfazi wakhe wathumela kuye, esithi, Uze. . .ungabi nakuthini kuloo mntu ulilungisa: Kuba namhlanje ndive izinto ezininzi ezinzima ephupheni ngenxa yakhe.

Kodwa ababingeleli abakhulu namadoda amakhulu bazeyisela izihlwele ekuthini zicele uBharabhas, zimtshabalalise uYesu.

Yaphendula ke irhuluneli yathi kubo, Nguwuphi na kwabo bobabini enithanda ukuba ndinikhululele yena? Bathe ke bona, nguBharabhas.

Athi uPilato kubo, Ndimenzeni na uYesu ekuthiwa nguKristu? Bathi kuye bonke, Makabethelelwe emnqamlezweni.

Yathi ke irhuluneli, . . .kuba enze bubi buni na? Kwaba kukhona ke bancamisayo ukunkqangaza, besithi, Makabethelelwe emnqamlezweni.

. . .uPilato akubona ukuba akancedi lutho, ebona ukuba sisuke sangakumbi isiphithi-phithi, wathabatha amanzi, wahlamba izandla phezu kwezihlwele, esithi, Andinatyala egazini lalo mntu ulilungisa: Ziboneleni nina.

Baphendula bonke abantu, bathi, Igazi lakhe malibe phezu kwethu, naphezu kwabantwana bethu.

Waza wabakhululela uBharabhas: wathi ke emtyakatyile uYesu, wamnikela ukuba abethelelwe emnqamlezweni.

²⁷ Ingongoma yam namhlanje, ukuba ndinokuyibiza kanjalo, okwale mizuzu ingamashumi amathathu ilandelayo, ithi: *Sizakumenzani Na Lo Yesu Kuthiwa NguKristu?* Kwaye ndingathanda ukuthetha oku, kananjalo, “UYesu esezandleni zethu.”

²⁸ Ngoku, ndiyakholwa ukuba iyure oqalisa ngayo umbono wethu, kumalunga nokuthi qheke ukusa, kwiholo yomgwebo

kaPilato. Kwaye lelinye lawona maxesha alusizi, nawona maxesha anganzima, kuyo yonke imbali. Yaba yeyona mpazamo ilusizi ibandla lakha layenza kwimbali yalo. Babesandula kuyenza, kwaye ngoku iphoselwe kwizandla zerhuluneli, urhulumente. Kokubini ibandla norhulumente, ngokuba babengabantu abanyuliweyo bakaThixo, bebizwa ngokuba ngabakhonzi baKhe, kwaye isizwe sasimelwe kukuba silawulwa yimithetho kaThixo.

²⁹ Ibandla ke lalimalile uMesiya walo. Nakubeni Wayeqondakalaliswe ngokukuko kangako kubo, babenyule kanye ukuhlala nesithethe sabadala baloo mhla, elithanjisiwe, iLizwi elingqinelweyo awathi uThixo wabathembisa lona kumakhulu eminyaka, ukuba liyakufika.

³⁰ Ingaba uqaphele, laprofeta kananjalo ukuba bayakumfanyekiswa? Babengenakuyiqonda lento, nendlela ababeyakuba ziimfama ngayo, koko babenjalo.

³¹ Kwaye babenze eyona mpazamo yabo inkulu, kwaye ngalo mhla babenze umboniso wabo ongowokugqibela waloo nto. Ke ngoku kusezandleni zikarhulumente, yaye ngoku urhulumente umelwe kukuzikhethela. Amabandla sele Emale kade, nakubeni uThixo wayeqondakalalise ngokucokisekile ukuba Yena wayenguMesiya wabo.

³² Ngoku ndifuna ukuthabatha okwemizuzwana embalwa phambi kokuba sihle singene koku, kumxholo nakokunjalo, endithe ndanemibhalwana endinayo ebhalwe apha malunga naloo nto. Babenokuthini abo bantu ukusilela ukuyibona loo nto? Inye into iSibhalo esiyithetha ngokucacileyo sisithi, “Babemfanyekisiwe.” Kodwa kunzima ukubenza ukuba baqonde ukuba bazimfama, belukhuni kanye njengokuba kunjalo namhlanje.

³³ Xa, iBhayibhile isixelela ukuba esi sizukulwana “size, silusizana silihlwempu, siyimfama, sibe singayazi loo nto.” Ngoku, siSibhalo eso. Ngoku ukuba uxelela thina bantu baseMelika ukuba sizimfama, siyakuxelela ngokukhawuleza kakhulu ukuba awuyazi into othetha ngayo.

³⁴ Kodwa ndizakuzisa kuni ityala ngale njikalanga, sifumanise ukuba siziimfama na okanye hayi. Kwaye sibeke uYesu etyaleni, ngale njikalanga, neGazi laKhe lisezandleni zethu, yaye ngoku sifuna ukubona ukuba siya kwenza ntoni na ngalo. Ingaba siyakwenza kwaloo mpazamo imbi yokungakhathali wayenzayo ngoko?

³⁵ Qaphela oko kwenzekayo. Wayeqondakalaliswe ngokucacileyo, waze wazalisekisa umsebenzi awathi uThixo Uyakuwuzalisekisa, njengoMesiya. Kwakungekho mbuzo malunga naloo nto. Kuba, Wazalwa ngaloo ndlela uThixo Wayethe uyakuzalwa ngayo. Waliwa kanye ngaloo ndlela wayethe uThixo Uyakwaliwa ngayo. WayeZiqondakalalisile

ukuba unguMesiya, ngokuba uMesiya wayenguThixo. *UMesiya* uthetha “umthanjiswa.” Yaye Yena wayethanjiswe nge—ngenzaliseko yeNtloko-buthixo, ngokomzimba e-yayihleli kuYe. Wayengengomprofeti. Ukanti, WayenguMprofeti, kodwa Wayengaphezu komprofeti. WayeyiNzaliseko yobuthixo ngokomzimba ihleli ngaphakathi emntwini owaziwa ngokuba nguNyana kaThixo. UThixo, uYise, wayesibekele intombi eseyintombi waze wadala ngaphakathi kuyo, iGazi, esizalweni, iGazi lesuntsu lobomi elathi lavelisa uNyana kaThixo, awathi uThixo wahlala ngaphakathi kuye.

³⁶ Kwaye Wayeqondakalalisiwe kubo, njengaLowo Wathi Unguye, kodwa Akazange aphume gqi abaxelele, “NdinguNyana kaThixo.” Hayi, hayi. Bamelwe kukuyikholwa loo nto. Wathi, “Imisebenzi yam iyangqina ukuba Ndingubani na.” Wabayalela, “Khangelani eZibhalweni,” ukuze babone umhla ababephila kuwo, ngoko babeyakwazi ukuba Wayengubani na.

³⁷ Ndingcinga ukuba bekuyakusifanela ukwenza oku, njengokuba sibona enye imfuduko isondele. Ndingcinga ukuba simelwe kukukhangelana, siphengulule iZibhalo, xa sibona izinto ezivelayo.

³⁸ Siqaphela ukuba ngoko ibandla lalisenzile isigqibo salo, sokuba babengafuni kwanto yakwenza naYe. Kwakutheni, ngeli thuba iLizwi laliMqondakalalise ngokuchanekileyo, nemisebenzi yaKhe ingqinile ukuba Yena wayenguMesiya? Into eyoyikeka olo hlobo, into eyingozi, impazamo, elathi eloo bandla layenza!

³⁹ Yaye kungenzeka ukuba sibe singenza kwaloo mpazamo inye? Babelinikiwe ithuba labo lokugqibela ukuze babone into Awayeyiyo, nokuze baYamnkele. Ngoku, awuyi kuhlala unalo ithuba lokwamnkela oko kuthunyelwa nguThixo. 'Yabona, Akabi nakunyamezela kwakhona ekugqibeleni, uze ngoko ube uwele umgca ophakathi kwenceba nomgwebo. Akukho nto iyenye iseleyo koko ngumgwebo xa ukunyamezela kukaThixo kuthe kwaphela ekugqibeleni.

⁴⁰ Kodwa babelinikiwe eli thuba, kwaye babeMbonile eZibonakalalisa, baMbona equleni kunye naloo mfazi, waze wamxelela ukuba wayenabayeni abahlanu. Wambona uNataniyeli esiza kuYe, emva kokuba uFiliphu wayeye wafumana uNataniyeli wamzisa Phambi kwaKhe, waze Wathetha wamxelela ngokuchanekileyo ukuba wayengubani nokuba wayevelaphi na. Waxelela uSimon Petros ukuba yayingubani na uyise, nokuba lalingubani na igama lakhe. Kwaye babengazange babe namprofeti amakhulu eminyaka.

⁴¹ Nkqu naloo mfazi mncinane ulihenyukazi waliqaphela iLizwi likaThixo. Wayengabhidekanga kwinto ethile. Yena, yena, ke, ingqondo yakhe yayingathanga yonke, into

esinokuyibiza ngokuthi, ukuba ningandixolela ngokucacisa ngolu hlobo, “phixenanga,” ebaleka aye *apha* aze abaleke aye *phaya*. Yayiyinqondo esulungekileyo engachathwanga, xa kubhekiselelwa kuloo nto. Wathi, “Siyazi ukuba uMesiya uyeza, kwaye yilento Ayakuyenza.”

Ke Yena wathi, “NdinguYe.”

⁴² Wabaleka ke ngokukhawuleza, waxelela abantu kweso sixeko, “Yizani, niMbone, lo nguloo Mesiya kanye.”

⁴³ Kuba, abo babengabafundisayo nabantu balo mhla babengayiboni loo nto. Ukuba, kwakuyakuba nzima ukuba uyibone ukuba wawungazazi iZibhalo. Kodwa iSibhalo sithe, “Babemfanyekisiwe.” Babemfanyekisiwe ngenene. Kodwa bakhetha, gxebe, endaweni yaloo Yesu uthandekayo, e. . . Siva umkhwazo, “MaKabethelelwe!”

⁴⁴ UPilato wathi, “Ndimenzi na lo Yesu kuthiwa nguKristu?”

Bathi, “MaKemnke! MaKabethelelwe!”

“Ndinikhululele bani na, uBharabhas okanye uYesu?”

⁴⁵ Baza benza eyona mpazamo inzima ngokukhetha umbulali endaweni yoMphi-bomi. Lo wayeziqondakalalise njengoMphi-bomi, bakhetha umbulali owayeqondakalaliswe njengomthathi-bomi. Esinjani isichasi! Kwaye ndiyamangaliswa ukuba. . .

⁴⁶ Ndikuthetha oku ngayo yonke intlonipho enobuthixo bazalwana bam noodade wethu, nakumadoda nabafazi balo mhla, endishumayela kubo, ndinothando entliziyweni yam kubantu bonke: ndiyamangaliswa ukuba asilungelanga kubona loo nto inye na ngoku injengokuba bayibonayo ngoko! Urhulumente wayengenelele kulento, kwaye u—umcimbi wawuqhubeka. Umbuzo umelwe kukulungiswa. Kwakukumboniso wamandla.

⁴⁷ Kube njalo ke namhlanje, kunjalo ngeli lixa! Umboniso wamandla uyaqhubeka! Kukho into emelwe kukwenziwa, umelwe kukuthi “ewe” okanye “hayi.” Kodwa, khumbula, akuyi kuba kuxa unyanzelweyo ukuba uyenze loo nto. Umelwe kukuyenza ngokukhululeka kokuzithandela kwakho ngoku. Ngoku! Hayi xa elo xesha lifika; xa lithe lafika, seliphelile ixesha. Ngoku! Lo isenokuba ngumhla wokugqibela unalo ixesha lokuzikhethela. Awunakuyenza loo nto, sowulisebenzisile; likude kakhulu, ngeloo xesha. Umelwe kukuyenza ngoku into. Musa ukulinda kude kube ngumzuzu wokugqibela, ngokuba isikhephe siyakunduluka sikushiye. Zivalwe iingango.

⁴⁸ Abantu ngebangenayo emkhombeni ukuba nje ngebayayo, ekuqaleni kokuna kwemvula. Kodwa kwemiswa umqobo,

iVangeli yashunyayelwa, imiqondiso yabonakalaliswa; yaye ixesha laliphelile, imvula yayisina ngoko, umgwebo wawuqhubeka.

⁴⁹ Ngoku, isizwe siphela sasiMalile, ngokuba sasibizwa ngokuba, njengokuba sinokutsho namhlanje, “sisizwe soBukristu,” njengokuba esi sibizwa ngokuba sisizwe soBukristu. Ngoko ke, ukuba sasibizwa ngokuba sisizwe sikaYehova, abantu baKhe abakhethiweyo, ngoko eso sizwe siphela sasimMangele. Ibandla lalisele liMalile. Ibandla laliMkhabele ngaphandle. Babengafuni nto yakwenza naYe, kodwa ngoku urhulumente uphakathi kuloo nto.

⁵⁰ Kubuye kwanjalo ke kwakhona, kuluxanduva kanye kwakhona, neSibhalo silapho, siqondakalalisiwe, kanye ngokuchanekileyo loo nto uYesu wathi iyakwenzeka. Sindindizela ntoni ngala maxesha obumnyama? Sikuvumelela ni na ukuba oku kusihlebe, ngeli thuba siyalwe ngokucokisekileyo? Kanye njengokuba kwakunjalo ngemihla kaLothe, sibona kwaloo nto inye kanye. UYehova ulilungisile iqonga, wasixelela ukuba, “Njengokuba kwakunjalo ngemihla kaLothe!” Niyababona abathunywa bephumile phaya ngaphesheya bangena eBhabhiloni, bezama ukukhupha uLothe; yaye niyawubona uMyalezo oya kwabaNyuliweyo, u-Abraham, owayesele ephumile. Nayo yonke into, ngokuchanekileyo, kwigama, indawo, nexesha, ziqondakalalisiwe ngokupheleleyo.

⁵¹ Kodwa ngoku kusezandleni zikarhulumente. Urhulumente umelwe kukuba ayigxeke ngoku, yaye bazakuyenza loo nto. Ungakhathazeki malunga noko. Sisizwe soBukristu, simelwe kukuma ngokoBukristu baso, ukuba sisiso. Amanqam ayaqhubeka.

⁵² Isizwe siphela singeniswe emgwebeni. Ngokuba, kwakwenzeke malunga no-A.D.70, xa injengele enkulu yomRoma, uTitus, wayingqingayo iJerusalem, malunga no-A.D. 70, ekunye nomkhosi wakhe ophuma eRome, baza apho bahlawula ixabiso gengenxa yokuMala.

⁵³ Namhlanje, xa sithi sijonge kwelo tyala langoko, size siphume apha sililinganise ngeendlela ezahlukeneyo, ngamatyala angolwesiHlanu oluLungileyo, sithethe ngaloo nto, nezinto ezinjalo. Kube kwaloo nto inye sithetha ngayo, yathi yenzeka ngolwesiHlanu oluLungileyo, ithi fixi kanye kuthi namhlanje! Zibe iinkokheli zethu zisenza kwaloo nto bayenzayo abo, ziyiphindisela kanye kwityala elifana nelo, emva kokuba isithembiso esifanayo seLizwi lalo mhla sithe saqondakalaliswa ukuba siyinto enye njengokuba sasiqondakalalisiwe eso ngoko.

⁵⁴ UYesu, “inkwenkwe nje ephantsi yomchweli,” ekwakucingwa njalo. WayeliLizwi likaThixo libonakalalisiwe.

Kwaye wayeqondakalaliswe ngokuphelele kangako, ngokuba imisebenzi kaThixo yayizibonakalalise ngaYe, yaze yaqondakalalisa ukuba WayenguMesiya.

⁵⁵ Kwaye, namhlanje, eso siganeko sifana neso sifikile kwakhona, xa uMoya oyiNgcwele ethe wasihlela ngemihla yokugqibela waZiqondakalalisa kanye kwibandla lethu, waze waqondakalalisa kwaloo misebenzi wayenzayo xa Wayelapha kwinzaliseko phezu koYesu Kristu. Wenze kwaloo nto inye kuMtshakazi, esenza kwa into enye, sibe ke sisafuna ukwahlukana naloo Nto.

⁵⁶ Khumbula, ngamakhasethi ashicilelweyo la enziwayo ngoku, aya kwihlabathi lonke, kungekuphela apha ePhoenix. Ndithetha kwisiqingatha sehlabathi, ngeli xesha, kuba sinomsebenzi wokushicilela oqhubekayo kwihlabathi jikelele.

⁵⁷ Qaphela, namhlanje sinetyala elifana nelo, emva kokuba kuqondakalaliswe iLizwi. AmaHebhere 13:8, “UYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.” UYohane oNgcwele 14:12, “Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi endiyenzayo Mna uyakuyenza naye.” UMateyu 28, “Lonke ihlabathi, nishumayele iiNdaba ezilungileyo kuyo yonke indalo.” “Yabonani, kuyakuba lithuba elincinane lize ihlabathi lingabi saNdibona; ke nina niyaNdibona, kuba ndiyakuba nani, ndibe kuni, kude kube sekupheleni kwesigaba sexesha.” “UYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade!”

⁵⁸ Bakhethile namhlanje, abakhethanga umbulali kuphela, koko bakhethe umbulali weLizwi, oyinto ephuma kanye kumbulali wokuqala.

⁵⁹ Xa bathi bona, abapostile babeshumayela iVangeli, baze behla baya ku-Irenaeus, nabaninzi babahlaziyi abakhulu nabaseki phaya kudala kwisigaba sakuqala, kwaza kufikelela eNicaea, ngaxesha lithile, ukuze ibe ngamanqam, baze bagqiba ekwenzeni ibandla lehlabathi liphela, ukuze kunyanzelwe abantu ukuba beze phantsi kolawulo lwabo. Abaninzi abakhe bazifunda ezembali kulo ndawo, bayazi ukuba abaprofeti bakudala bangena apho benezikhumba zezilwanyana abazijijele ngazo, besidla imifuno yasendle nezinto ezinjalo, baze bazama ukumela elo Lizwi, ukumela iLizwi likaThixo. Kodwa benza ntoni kwezoo ntuku zilishumi elinesihlanu zezombuso zokuphalala kwegazi? Ekugqibeleni bagqiba ngokwenza ibandla lehlabathi liphela, baze bahlomele ubuhedeni kuBukristu, baze bayimisela njengebandla lehlabathi liphela.

⁶⁰ Kwaye, namhlanje, amaProtestanti azijulela ekuhlanganeni kwiBhunga likaNkonzo-zonke, besenza kwaloo nto inye, ukuhlomela isithethe somntu, endaweni yokuthabatha iLizwi likaThixo ntoleyo iqondakalaliswe ngokupheleleyo ngoMoya oyiNgcwele, ukuba Yena nguye izolo,

namhlanje, nangonaphakade. Ibandla limi esikalini, namhlanje, kwaye lifunyenwe lilula. Nibuyele emva kwiholo yomgwebo kaPilato. Ewe, mhlekazi.

⁶¹ Yenzani loo nto? Yenzela irhamncwa umfanekiso. Yinto ephuma imele iRome. Xa iBhunga likaNkonzo-zonke linyanzelayo, laye liyakunyanzela lonke ihlelo lobuProtestanti ukuba lingene kuloo nto; kwaye ngeliphandle ewonke alapho ngoku, iFull Gospel nawo wonke. Liyeza ilixa xa bayakuthi banyanzeleke ukuba bangene kungenjalo beme ngaphandle, kwaye, ngelo xesha, xa elo gunya lithe lafika, sele uziqondakalalisile ukuba unophawu lwerhamncwa. Ngoku, ichaneke kanye loo nto.

⁶² Yintoni na? Ngamahenyukazi obuProtestanti ekunye nonina wawo omdala, iRoma, ihenyukazi! ISityhilelo 17 sithe yayi, “NGUNINA WAMAHENYUKAZI,” ngokuchanekileyo, iimvaba zobuProtestanti; ethe qhiwu kwisandla sakhe indebe yomsindo we—kaThixo, ukuze enze umvuyo, ubungqina bakhe, “yiyo le esikholwa kuyo,” lize ngalinye, “yiyo le into esikholwa kuyo.”

⁶³ Nantsi into iBandla elimelwe kukukholwa yona, iLizwi likaThixo, “yaye lonke ilizwi lomntu malibe bubuxoki.” Nantso into ekumelwe kukuba yiyo.

⁶⁴ Kodwa siziza uKristu kwakhona kwelo lixa likhulu lokubethelela wathi Wema kulo, kwiholo yokugweba kaPilato; lusizi, iqela elincinane elityhalelwe ecaleni, lithobe intloko. Amanye amahlelo ebalile, abamangala, abalahlela ngaphandle, athi, “Ningabi nanto yakwenza Noko!” Kungcono nihlole iLizwi. Ngoku sifumanisa ukuba, eli Bhunga likaNkonzo-zonke likho. Lenza ntoni? Lona, iBhayibhile . . .

Uthi, “Ingaba iBhayibhile inento eyithethayo ngaloo nto?” Ewe.

⁶⁵ “Benokumila kokuhlonela uThixo, kodwa bewakhanyela aMandla.” Bezimfama, beze, abahambi benkonzo, benokumila kokuhlonela uThixo, kodwa bewakhanyela aMandla kaMoya oyiNgcwele athi abonakalalise uYesu Kristu kwiLizwi laKhe. Ingathini indoda ukubanga ukuba inoMoya oyiNgcwele ize ikhanyele kwa iLizwi elinguMoya oyiNgcwele? Angathini umntu ukwenza loo nto? Kwa ubungqina bakhe buqu buyangqina ukuba akayiyo loo nto amelwe kukuba yiyo, kukukrexeza ngokwasemoyeni, kukukhanyela aMandla kaThixo. UPawulos watsho, kuTimoti wesiBini isahluko se-3, ukuba kuyakuba njalo, wathi, “Abaqhankqalazi, abakratshi!”

⁶⁶ “Ndinesidanga sobugqirha, iPh.D., iLL.D.” Kum, oko kukuba kude kuThixo kunokuba wawunjalo ekuqaleni kwakho. Ewe, mhlekazi. Oko kukususa nje umnke kuThixo, akukuzisi kuThixo. Inye kuphela into enokukusondeza kuThixo, loo nto ke nguMoya oyiNgcwele, ngeLizwi laKhe.

⁶⁷ UMoya oyiNgewele kuphela kwekhampasi. INkwenkwezi yangeNtla liLizwi. Inye kuphela indawo eyakukukhombisa kuyo ikhampasi yiNkwenkwezi yangeNtla. Kwaye uMoya oyiNgewele uyakukukhomba kupheka eLizwini, hayi kwintlanganisela ethile yenkqubo, hayi kwimvaba ethile, koko kwiLizwi likaThixo. Khumbula, zonke ezinye iinkwenkwezi ziyashukuma kunye nehlabathi, kodwa iNkwenkwezi yangeNtla ihlala ngokuthe nkqi, ngokuba isesizikithini. Kwaye lonke elinye ilizwi lomntu liyakusilela, kodwa iLizwi likaThixo alingekhe. LiyiNkwenkwezi yangeNtla, limiswe esizikithini, Ayisayi kuze ishukume ihambe nehlabathi. Akunamsebenzi nokuba liphil na ihlabathi, Yona ihlala iseyinto enye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Kwaye Yena liLizwi!

⁶⁸ Mzalwana nodade, ndiyakucenga eGameni likaYesu, kuqaphele Oku. Niye nandikholelwa koko ndikuthethileyo kule minyaka. Ukuba uThixo uye wakuqondakalisa ukuba oko ndikuthethileyo bekuyiNyaniso, ingendim, ibiliLizwi laKhe elenze loo nto, ngoko ndiyanicenga, eGameni likaYesu, ukuba niyihlole le Nto. Musani ukumfanyekiswa zezi zinto; iphezu kwenu kanye.

⁶⁹ Kwaye khumbula, iBhayibhile itshilo, kuMateyu 24:24, ukuthi, bonke abamagama angabhaliweyo eNcwadini yoBomi yayo iMvana, ukususela ekusekweni kwehlabathi, bayakuluthabatha olu phawu. NgabaNyuliweyo, abamiselwe ukuYibona, abaya kuYibona. Abanye bona bayakuYiphosa ngokuphosakele kakhulu.

⁷⁰ Sibona le nkqubo inkulu ihlangana ngoku, ubuchwepheshe obukhulu bukaSathana sebulungisiwe. Inye into efunekayo. . . Bunabo ubuxhaka-xhaka, bulindele kuphela undoqo wabo obanga ukusebenza ukuze benziwe busebenze. Le nkqubo libandla liphela, ibhunga elikhulu nayo yonke into. Umatshini omkhulu uhleli apho, kodwa balindele ilixa esiyakuthi ngalo isiciko sihle, ukuze ke babe nokuyenza loo nto, bayinyanzele, bayenze umthetho. Khangela kwimisasazo nezinto esizivayo namhlanje, kunomathotholo nakumaphepha-ndaba. Kuba, iphezu kwenu kanye ngoku.

⁷¹ Asinaxesha lakwenza nantoni na eyenye ingekuko ukwamnkela uYesu Kristu. Kuqondakalaliswe ngokupheleleyo.

⁷² Phulaphula, sithetha ngomatshini omkhulu kaSathana ophaya phezulu, olungele ukuhamba, kunjalo, ukugraya; kodwa, khumbula, umhlambi omncinane kaThixo okholelwa iLizwi, obawo ubuxhaka-xhaka sebulungile nabo. Bulungele uNdoqo wokusebenza ukuba ubutshise ngoMoya oyiNgewele. “Musani ukoyika, mhlambi mncinane, kukuthanda kukaYihlo ukuninika uBukumkani.” UMoya oyiNgewele uyakuchukumisa

iBandla elincinane eliphumileyo kwihlabathi, abafazi abagcina iinwele ezinde, uMahlulwa, ukuqondakalalisa ukuba bazahlulile kwi. . .

⁷³ UMahlulwa ngowenza. . .Ntoni? Ngabo bazahlulayo, bezahlulela iLizwi likaThixo; hayi abanxiba ezimfutshane, abaziqaba ubuso, oo-Izebhele, bezibiza ngokuba bangaMakristu. Hayi, mhlekazi; amadoda, abhetye-bhetye kangako, ayakumela ihlelo, abambelele kwimisila yeebhatyi zawo, zikaKesare othile okanye uHerode, endaweni yokumela iLizwi likaThixo. Kodwa uThixo unabantu abathembekileyo, umhlambi onguwo kaThixo, ongakhathaliyo kukuba lithini na ihlabathi. Bakholwa kukuba uYesu Kristu usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.

⁷⁴ Le into ayidumanga. Ikwenza ukuba ube ngongadumanga, kodwa iyiNyaniso! Kungumyalelo kaThixo ukuba yenziwe, kwaye uThixo uyakuyenza. UThixo akusikelele. Andizimisele kukungxolisa, koko u-kukuyala. Kungcono urhawuke kunokuba utshiswe, naxesha nini na, ngoko thabatha isiyalo. UMoya oyiNgcwele uyathetha ngale mihla yokugqibela.

⁷⁵ Bonke ababhalwe eNcwadini bayakuwuphepha. Ngoku sifumanisa ukuba umhlambi omncinane ulungele uNdoqo owenza ukuba Ungene uwunyusele esibhaka-bhakeni, ukuphepha le mbandezelo.

⁷⁶ Umntu othile wathi ngenye imini xa ndandithetha, wathi, “Mzalwana Branham, awukholwa ngoko ukuba ibandla liyakungena kwimbandezelo?”

⁷⁷ Ndathi, “Ndiyakholwa ukuba ibandla liyakungena, kodwa hayi uMtshakazi.” Ibandla liyakuphumela kwimbandezelo, ewe, mhlekazi, kodwa uMtshakazi ukhululekile kuyo. Yena uyakungena kuXwilo ngomzuzwana, ngokuphanyaza kweliso. Uyakuthatyathwa enyuswe aye kuhlangebeza iNkosi emoyeni, elungiselela iSidlo sangokuhlwa soMsitho. Akukho nto amele kukuphumela kuyo nganto iyimbandezelo; iNkosi yakhe imhlawulele ixabiso. Sinombulelo kakhulu ngaloo nto. Ewe, mhlekazi.

⁷⁸ Emva kokwala, kwazo zombini ibandla nesizwe, kwabakho umkhwazo omnye kuphela owafikayo, into elandelayo, yayikukuba, “Lahlani loo Nto!”

⁷⁹ Nanko umkhwazo olandelayo esinawo. Ibandla ngokupheleleyo limalile uMoya oyiNgcwele. Siyazi ukuba liyenzile loo nto. Owu, amalungu aphume kuyo yonke into, olo lubizo olukhulu, amaPresbhithari, amaWisile, amaBhaptizi, amaLuthere; kodwa ibandla, ngokwalo, ihlelo, alingekhe lishukume. Hayi, mhlekazi. Sele lizenze imvaba yehlelo. Yintoni ingxaki yaloo nto ngoku? “MaYibethelelwe! MaYibethelelwe!” Yintoni? Kukubethelela ngokutsha, (intoni?) iLizwi eliqondakalalisiweyo ukuba liyiNyaniso. ILizwi

likaThixo, ebethelelwe, ngokutsha. Kanye njengokuba u-Eva wangcolisa ihlabathi elibonakalayo liphela, ngokwala intwana encinane yeLizwi likaThixo, ngokunjalo ibandla lenze kwaloo nto inye.

⁸⁰ Usenokuthi kum, “Mzalwana Branham, unokutolika okungachanekanga malunga naloo Nto.” Ke, oko kungoko kubona kwakho.

⁸¹ UThixo akaswele kwatoliki. UThixo uyitoliki yesiqu saKhe. Nantso ingxaki yale nto, namhlanje, sineetoliki ezininzi ezenziwe ngabantu. UThixo uyakwazi ukutolika, ngokwaKhe. Ukungqina okukokwaKhe ngeLizwi laKhe ukukutolika.

⁸² AbaFarisi basenokukhwaza, kananjalo, “Sinayo indlela yokutolika!” AbaSadusi bathi, “Sinayo!” Kodwa uYesu wayeyingcaciso. Amen.

⁸³ Ukubonakalaliswa kwamandla atyhiliweyo kaThixo, awathenjiswa, kububungqina. Funda iZibhalo ubone ukuba limelwe kukuba phi na ibandla namhlanje. Ewe, mhlekazi. UThixo akaswele kwatoliki.

⁸⁴ Nantso into abayenza kuYesu. Bafumanisa, phaya kudala, kuba babecinga ukuba Wayengenayo ingcaciso. Wayeyiyo ingcaciso. UThixo kwakungamelwe kukuba aLitolike. Ubomi bukaYesu babubutolika. Wathi, “Ziphengululeni iZibhalo, kuba niba noBomi obunguNaphakade kuZo; Zizo eZingqina ngaM. Yaye ukuba aNdiyenzi imisebenzi kaBawo waM, ngoko musani u-kholwani ndiM. Ukuba imisebenzi eyathethwayo yaloo mhla, ayiZibonakalisi kuM,” Wathi, “Musani ukukholwa yiloo nto.”

⁸⁵ Ingaba Zaziyenza loo nto? UThixo wathi, “Intombi le iyakumitha,” yaze yenza njalo! Niyakholwa yiloo nto? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngokuqinisekileyo; kodwa abazange. “Intombi le iyakumitha,” yaze yenza njalo. Yathi, “Iziqhwalu ziyakuhamba, iimfama zibone,” noko kwakuyakwenzeka. Yaqondakalalisa ukuba babeya kuyenza loo nto, noYesu wayesisibonakalaliso.

⁸⁶ UMoses wathi, “INKosi uThixo wenu uyakunivelisela uMprofeti, onjengam.” ILizwi liza kumprofeti. Kwaye, umprofeti, iLizwi lingumcaluli weengcingane zentliziyo. Xa baMbonayo esenza oko kucalula, bathi, “nguBhelezabhubhe lo, ngumvumisi.” Oko akungaphezulu kwegama ababeMtyabeka ngalo. Kuyinto enye namhlanje, ukubizwa ngo “mqengqeleki ongcwele,” okanye into enjengaleyo. Kunjalo. Nakubeni. . .

⁸⁷ Wayengaswele kutolika. Yayinguye ukutolika. UThixo wakuqondakalalisa ngaye ngokwaKhe. Ngubani loo ndoda inesono namhlanje, okanye yayingubani loo ndoda inesono ngoko, eyayinokuphika ukuba iLizwi lingatolikwa?

⁸⁸ UYesu wabacela, wathi, “Ziphengululeni iZibhalo. Zona zingqina ukuba NdinguBani na. Zizo ezikukutolika. U-kuba ubomi baM abutoliki oko ndithetha ngako, ngoko musani ukukholwa kuM.”

⁸⁹ Yeyiphi indoda enesono enokubakho namhlanje, enokukhangela iBhayibhile ebusweni ize ibone uMoya oyiNgcwele ukuba akayotoliki yeLizwi namhlanje, eZazisa ngezibonakalaliso zamadinga ezipho, nezinto Awathembisa ukuzena ngaloo mhla? UMalaki 4 ezaliseka, nazo zonke iZibhalo zizaliseka, ukuze siyibone kanye apha ekupheleni kwexesha! Awuswele mntu ukuba aYitolike loo nto. Hayi, mhlekazi. Iyazitolika ngokwaYo. Oko kuqondakalisa ukuba InguMyalezo weli lixa! Guquka ubuyele kuThixo, wonke umhlaba! Nina mabandla, guqukani nibuyele kuThixo! Musani ukuzama ukuMhlamba ezandleni zenu, kuba aninakuyenza loo nto. Umcimbi uyaqhubeka khona ngoku, njengokuba kwakunjalo ngoko.

⁹⁰ Wathi, “Ziphengululeni iZibhalo; Zizo ezingqina ngaM.” UYesu wathi, “Imisebenzi yam yitoliki yaM.”

⁹¹ Waxelela uMoses, ekuhlanganeni kwaKhe naYe phaya phezulu kwityholo elivuthayo. Wathi, “NDINGUYE. Ndiyalkhumbula idinga laM. Ndiyakhumbula ukuba ndiyakubakhupha abo bantu, ngesandla esithe nkqi. Ndenza eso sithembiso, kwaye ndizakuhamba ngawe. Ndithuma wena. Wena yiba ngumlomo waM nje, yona imiqondiso iyakutolika ukuba ndiM na okuthumileyo okanye hayi.” Amen.

⁹² Nantso into amadoda nabafazi abamelwe kukukhangela yona namhlanje, idinga lenye imfuduko, nokutolikwa kweLizwi likaThixo libonakalalisiwe.

⁹³ Ingxaki yaloo nto, namhlanje, bathi, “Kulungile, ibandla lam alikholwa kule Nto.” Yintoni ingxaki? Niphila kwisithunzi sesinye isigaba sexesha. Ezo nkonzo zazilungile ngezigaba zexesha lazo, kodwa nithini ngesi isigaba sexesha? Esi sesinye isigaba sexesha.

⁹⁴ Awungekhe umenze uWesley akholwe kuLuther, kwakungekho kungcwaliswa. Hayi, mhlekazi.

⁹⁵ Awungeke wenze owenkonzo kaMoya akholwe kubuBhaptizi, okanye ngokunjalo, ukubuyela kuloo nto. Bafumana into ethile engcono. Baphila ekukhanyeni komhla wabo.

⁹⁶ Kwaye, namhlanje, abenkonzo kaMoya bazenze umbutho bahlala phantsi kanye njengokuba nabo benzayo, ngokuchanekileyo kusekwayinto enye. Kwaye iLizwi liqhubela phambili, kwaye Liyahamba kanye limnka kubo. Loo nto iyinene ngokuchanekileyo, kuba siba nenkani siqine kakhulu. Sivumela amabandla ethu angene kulo naliphi na uhlobo

lwemeko, siqhubele nje phambili. “Okoko nje sifumana amalungu, nantso kuphela into eyimfuneko, kuba sinamaninzi kunalawo sakhe sanawo.” Siyaqhayisa ngaloo nto.

⁹⁷ Makhe ndikuxelele into eliqhalo lakudala, ukuba, “UMtyholi uyalibala iqela lakhe, kodwa uThixo ulilinganisa ubunzima elaKhe.”

⁹⁸ Yinyaniso leyo, kananjalo, kusenjalo nanamhlanje. UThixo ukuveyisha ngeLizwi laKhe, abone ukuba ufunyanwe ulula na okanye hayi. Andikhathalele maqela, ukuba bangaphi na, ukuba Idume kanganani na loo nto. LiLizwi likaThixo libonakalaliselwe eli lixa. Ngokuchanekileyo kunjalo. Andikhathalele maqela, nokuba ngubani na ozayo ingubani na ongeziyo. LiLizwi likaThixo elisesichengeni, njengokuba kwakunjalo phaya kwiholo yokugweba kaPilato. Lilinganise amandla aLo, ubone ukuba siyafumaneka na, apho sifumaneka silula khona. Ewe, mhlekazi. Siyakholwa ukuba uYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.

⁹⁹ Sifumanisa ukuba Waxelela uMoses ukuba, “Ndiyakuba nawe, yaye Ndiyakusebenzisa umlomo wakho nje. Hamba uye kuthetha amazwi njengokuba Ndikuxelela, kwaye imiqondiso iyakuzitolika.”

¹⁰⁰ 'Yabona, uThixo akaswele kwatoliki. Owu, hayi, makangabi yitoliki. Ukutolika kukaThixo kuyaMqondakalalisa. Watsho ukuba Yena uyitoliki yeLizwi ElilelaKhe, kwaye Uyiyo. Wayenza loo nto, ngoMoses, kwaye Uyayenza namhlanje. SiyaMazi, eBhayibhileni, njengo-Elohim. U-*Elohim* ngu “Lowo wanele konke.” Akaswele cebiso lamntu. Uma yedwa. UnguThixo, kwaye UliLizwi. Kwaye xa iLizwi lithembisa ngento ethile, lize Liyiqondakalalise phambi kwakho, hlobo luni lokutolika olufunayo ngaphandle kolo?

¹⁰¹ Owu, ndoda okanye mfazi ongumoni, ungubani wena unokuphakama uthi Liphosakele? Ngeli thuba uThixo ngoMoya oyiNgcwele waKhe neLizwi ledinga, aLitolika ebusweni bethu sonke ngabanye, singoobani thina ukuba sithi oko kuphosakele? Owu, mntundini ungumoni, ungathini ukuyenza loo nto? “Ungumoni uthetha ukuthini ngaloo nto, Mzalwana Branham?” Ukungakhohla! Sinye kuphela isono, kukungakhohla. Akuswelekanga kutolika kusileyo kwamntu!

¹⁰² Ulitolika ngokwaKhe elaKhe. “NdiyiNkosi,” Watsho, “Ndim Okutyalileyo, ndiyakuKunkcenkceshela, ubusuku nemini, hleze kubekho oyakuKunyothula esandleni saM.” Watsho kananjalo, kwesinye iSibhalo, ukuthi, “Ulalusile iLizwi laKhe, ukuze Alenze.” *Enze* Lona, “alithyile” Lona ku (bani?) kwabaNyuliweyo baKhe, kwabo lithunyelelwe ukuze balibone, abo bathunyelwe ukuze baLibone, gxebe. UyaLenza kwabo bathunyelwe ukuze babone, baLibone.

103 UyaLalusa, aLigcine likude kuzo zonke ezi ngcaciso zizezenyama zobudenge, ezizinto zokuba, “*Eli* lilungile, ukuze *eliya* libe lilungile, *neliya* linyanisile.” UThixo unyanisile, ubuntu obungqinelweyo bukaThixo!

104 Bonke abo baFarisi ngebaphakamayo, bathi, “SingabakaThixo! Sinayo imithetho. Sinako *oku*.” Yaye lalimi apho iLizwi, ngokwaLo. Bathi, “MaLimnke! MaLibethelwe! AliZibonakalisi ngoko sikholwa kuko.”

105 Kodwa LaZibonakalisa likunye neLizwi. Amen. Abo babenamehlo okubona, baLibona. Abo babezimfama abazange baLibone.

106 Abanakuze babenako ukwenza oko nanamhlanje. Kuphelele apho. Bayahamba, sebezitywinele ngaphandle, abaninzi babo, baya kude ukumnka kuLo.

Owu, ewe, ngokuLizalisekisa, ukuLibonisa ukuba yinyaniso!

107 Abanye bathi, “Ndikhholwa okungaka kwaLo. Mzalwana Branham, ndingayikholelwa iBhayibhile. Ndiyavelana neBhayibhile. Ndingulowo uvelana neBhayibhile. Ndiyakholwa kokuthile-thile. Ndiyakholwa kuYesu Kristu, uNyana kaThixo. Kodwa andingekhe nje ndiLikhholwe lonke, ngokuba ihlelo lithi Alinjalo.”

108 Ngoko loluphi uhlobo lwengcaciso onalo? Lolohlobo lunye wayenalo u-Eva, ngumtyholi. Wazama ukulitolika iLizwi ku-Eva, waza wathi, “Owu, *eli* linyanisile, *eliya* linyanisile, kodwa ngokuqinisekileyo . . .” Ngokuqinisekileyo, linyanisile! Oko akuthethayo uThixo, kuyiNyaniso! Andikhathali nokuba Kukhangeleka kanganani na kwabanye. Xa uThixo ethe into iyakwenzeka, iyakuba lolo hlobo. Ingaba ungasebenzisa ukutolika kuka-Eva? Owu, mntundini ongumoni, ungayenza njani loo nto? Ewe, mhlekazi. Babenokutolika kuka-Eva.

109 Ubungqina, njengokuba benditshilo ngenye imini, sizama ukubeka ubungqina. ULuther wathi, “Kholwa, uze uphume ngaphandle.” Umtyholi uyakholwa, naye. UWesley wathi, “Khwaza, uyakube uWufumene,” kodwa wafumanisa ukuba wayengazange. EyakwaMoya yathi, “Thetha ngeelwimi, ngoko uWufumene.” Babengazange. INzululwazi yoBukristu yathi, “Thanda, unaso isiqhamo soMoya,” kodwa abanaso. Bakhanyela ubuNgangamsha obungcwele bukaYesu Kristu.

110 Buyintoni ubungqina baWo? Xa loo moya ungaphakathi kuwe unako ukuchaphazela lonke idinga ngo-amen, kwaye uThixo uyakuyingqina loo nto. Yiloo ndlela kanye ekwakuyiyo ngoYesu Kristu. Owu, ewe. Babenazo, babenzininzi iziqhamo zomoya, babenazo zonke iintlobo zobungqina. Awunako ukubayamanisa ubungqina kuyo nantoni na ingenguye uThixo

ngokwakhe ebonakalisa iLizwi laKhe. Nabo kuphela ubungqina benyaniso obukhoyo bokuba unguMkristu. UnganguMkristu njani xa . . .

¹¹¹ “Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, uLizwi wayekuThixo, uLizwi wayenguThixo. ULizwi ke waba yinyama wahlala phakathi kwethu. Isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade!” WayesekwanguThixo omnye lowo wayekuDavide. WayesekwanguLowo wayekuMoses. WayesekwanguLowo wayekubo bonke abapostile. Kwaye usekwanguLowo WayekuYesu Kristu, ukuze Azibonakalise apho ngenxa yeloo Lizwi libekwe ngedinga. Kwaye UsekwanguThixo omnye namhlanje, iLizwi elikwalinye, likhupha ukuKhanya phezu kweLizwi lelixa. Thixo yiba nenceba kuthi! Ewe, mhlekazi. Ukukholwa ukuba uThixo uyaZitolika, lonke iLizwi liyakungqinelwa! Ewe, Yena Uyitoliki yesiqu sakhe ngokwaKhe.

¹¹² Mzalwana, ndiyalicinga elo lixa! Ndingahlala kulento ithuba elide, kodwa ninenkonzo ezayo. Ndiyakholwa, ukuba ndizakuthi, namhlanje; ukuba asikhangeli, Usezandleni zethu naMelika. Yicinge loo nto. Andikuthethela msindo oku; ndikuthethela ukuze kuKhanye oku. Ndithi iGazi likaYesu Kristu lisesandleni sebandla laseMelika namhlanje. IGazi likaYesu Kristu liphezu kweMelika, iyonke. IGazi likaYesu Kristu limi ngokuchasene namaWisile, amaPresbhithari, amaLuthere, nabenkonzozo kaMoya. Lisezandleni zethu sisonke. Masibone ukuba kunjalo na ngoku. Yicinge loo nto, iGazi likaYesu Kristu! Owu, bethu!

¹¹³ Kwaye njengoPilato waloo mhla, oko kundikhumbuza ngeendlela ezintathu awathi ngazo uPilato wazama ukuLisusa esandleni sakhe. Wazama iindlela ezintathu zokuLisusa ezandleni zakhe, kodwa akazange aphumelele. Ngoko inye kuphela indlela oLithatha ulisuse ngayo esandleni sakho. Masibone ukuba wenza ntoni na. UPilato wazama ezi ndlela zintathu, zaze zasilela zonke.

¹¹⁴ Simelwe kukujongana nawo lo mcimbi. Siyazi ukuba ulapha, kuba iLizwi laKhe liqondakalalisiwe ngobungqina beSibhalo. ILizwi elathenjiselwa lomhla lenziwe inyama, nkqu kweyona ndawo ingcolileyo yokwala uYesu Kristu; kwaye Yena, kwesi Sigaba sexesha saseLawodike, ungaphandle kwebandla. Siyazi ukuba yiNyaniso leyo. Yicinge, iGazi likaYesu Kristu, uNyana kaThixo, lisezandleni zethu. Nina . . . Iyandoyikisa loo nto, ukucinga ngayo. Ukudlula kuYe, loo nto iyangcangcazelisa, ukuyicinga, iGazi likaYesu Kristu!

¹¹⁵ Ngeli thuba, indoda iyakuthi ilikhangele igazi lenye indoda engumhlobo wayo. Ngaxesha lithile eChicago, kungekudala kwithub elidlulileyo, umhlobo wam othile wayemi apho xa kwaku—kukwaDillinger kwezokunxiba, nokuba kwakuphi na

ke, owathi wadutyulwa esesitratweni. Abantu babehlanganisene, bengamakhulu, bemi jikelele. Kodwa, bona, benza ntoni? Apho eloo gazi lalichithakele phandle esitratweni, kukho loo mngxuma wembumbulu, wonke umntu wacezela phaya kweloo gazi. Babengenakunyathela igazi lomntu ongowabo. Owu, hayi, mhlekazi. Banokukrokra okukhulu ngaloo nto.

¹¹⁶ Kodwa bahamba nje banqumle kwiGazi likaYesu Kristu. Eli qhalo lakudala liseyinyaniso, “Izidenge ziyakuhamba ngezihlangu ezinezikhonkwane kwindawo iiNgelosi ezoyikayo ukunyathela kuyo.” Injalo loo nto, ziyakuhamba zinqumle kuLo, zithi, “Iintsuku zemimangaliso zidlule. Loo nto yayiyelungileyo kubapostile, kodwa hayi kuthi.” Owu, bethu, bangathini ukuyithetha loo nto? Ninyathelela phantsi kwenyawo iGazi likaYesu Kristu enathi nangwaliswa ngalo! Owu, bethu, cinga ngeGazi lisezandleni zethu!

¹¹⁷ Intoni, igazi lomntu osisihlobo. Ndinga malunga nakudala, kwiiveki ezimbalwa ezidlulileyo, xa sasicinga ukuba loo nto yayingenakwenzeka kwesethu isizwe. Nithini ngalo mfo, u-Oswald? Ehleli apho kweso sisele, ebila, ukuba ukwingqondo yakhe epheleleyo.

¹¹⁸ Kwaye ndicinga ngendoda eyakuphulaphula eli khasethi, okanye ehleli apha ikho, naphi na, ize iphulaphule lo Myalezo, ukuwuqondakalalisa; ibile, usazi ukuba uzakuza kungwebo uphendule kwiLizwi likaThixo, uphendule kwiGazi likaYesu Kristu, othe waziswa lona, lisezandleni zakho, likwizandla zethu.

¹¹⁹ Qaphela u-Oswald ehleli apho, yinto eyoyikeka nambi kangakanani ebekumelwe... ukuba yiyo kuye, okanye engekuyiyo, kungenjalo ndiyaqikelela ukuba ibiyiyo, akucinga ukuba uyakujamelana nenkundla ePhakamileyo enomsindo ngokugwinta uMongameli wayo. Bekungenakubakho nceba. Nabuphina ubungqina abebenokukufumana ngokuchasene naye, bebuya kuxinzelela bucadise yena. Ukuthatyathwa kweminwe, umpu, indawo abekuyo, yonke loo nto iyakuziswa phambi kwakhe.

¹²⁰ Yinto edikidiki kwinto ekuyakuba yiyo kubantu abahlala kwezi nkonzo babukele uYesu Kristu evela kwimo yoBuntu baKhe, aZiqondakalalise, uze uphume uhambe ngaphandle kokumaMnkela, ubambelele kumgaqo omncinci, okanye into ethile oyibiza ngokuba yeyokuzonwabisa. Iyakuba yinto elula leyo, xa uhleli kuBukho bukaThixo onomsindo, othe wanyathela i...sowuthe wanyathela iGazi likaNyana waKhe Buqu, waze waMbethelela ngokutsha engqondweni yakho, natshintshisa ngobuzibulo benu ngenxa yodumo. Iyakuba yinto embi neyoyikekayo ngaloo mhla. Kuyinto eyoyikeka kakhulu ukuyicinga. Ungathini ukuhlala kweso sisele sibilisayo sishushu?

121 Nina ningabantu bemvelo base-Afrika, nina nise-Australia, eSweden, e-Switzerland, niyakuphulaphula eli khasethi, niyakuphendula njani ngaloo mhla woMgwebo, xa ndandike ndakwizizwe zenu naze nakubona ukubonakalaliswa kukaYesu Kristu kuvuka phakathi kwabantu, eZiqondakalalisa?

122 Ukubila, bethu, inokuba wabila ngenene! Owu, ebenokuthini ukuyenza loo nto ekwingqondo ephilileyo?

123 Ucinga ukuba uyakuba ngonjani ukuba nomsindo uThixo kwabo bathe banyathelela phantsi kwenyawo uNyana kaThixo, baMbethelela ngokutsha, kwakhona?

124 Qaphela, umqhubi wenqwelo-moya, akulungela ukunyusa inqwelo-moya. Umqhubi uyakuyithabatha inqwelo-moya ayikhuphe aze ahlole yonke into ngaphambi kokuba ahambe, sonke isixhobo. Uyakuphuma ayise kwibala ezisukela kuyo, aze eme apho ahlole wonke loo maphiko okubhabha, ahlole iziciko zamafutha akhe. Yonke into, sonke isixhobo anaso, usihlola asiphinda-phinde. Abaninzi benu bakhe babhabha kwiinqwelo-moya, kwaye niyazi ukuba yinyaniso leyo. Uhlola sonke isixhobo. Kuba? Unegazi labantu abangowabo ezandleni zakhe. Ufuna ukuqiniseka ukuba yonke into iqhuba kakuhle ngokunokwenzeka.

125 Nithini ngogqirha kuqhaqho, xa esazi ukuba umelwe kukwenza uqhaqho, asuse ithumba elihlumayo okanye intliziyo, okanye into ethile eyenye, aze enze uqhaqho kuyo? Xa ezakuqhaqha umzimba wakho, uyakuhlola intliziyo yakho, uyakuhlola iqondo lobushushu begazi lakho, uyakuhlola ukuba unengqele na, uyakuhlola amachiza okulalisa. Uhlola yonke into, ayiphinda-phinde, aze ayiphinde kwakhona. Kuba? Akafuni gazi lomntu onguwabo kwizandla zakhe.

126 Kwaye ukuba ugqirha nomqhubi wenqwelo-moya, nabanjalo, bayakuhlola, kumelwe ukuba njani kwiBandla likaYesu Kristu ukwenza oko, xa sibona ezi zinto siphila kuzo namhlanje? Kungcono sihlole. IGazi likaYesu Kristu lisenokushiyeke phezu kwezandla zethu.

127 Ngoku masithathe into ibenye, icebo lokuqala likaPilato, lalikukuthi, "Andifumani tyala kuYe."

128 Indlela ekuphakathi kwabaninzi bamaqela ethu alungileyo ngayo oko namhlanje! "Andifumani tyala kweli Lizwi. Lilungile, kodwa yayilelabo bapostile." IBhayibhile ithe isekwanguYe izolo, namhlanje, nangonaphakade! Uthi, "Laa Bhayibhile ilungile. Ndiyakholwa ukuba babethetha ngeelwimi; ndiyakholwa ukuba babezikhupha iidemoni; ndiyakholwa ukuba babezicalula iingcinga; ndiyakholwa babengabaprofeti; kodwa hayi kuloo mhla." Owu, mnumzana, ndodandini engumoni, yintoni ingxaki kuwe? Kwenzeka ntoni

xa uMateyu esama-28...24:24 ebuyela kanye apho? AmaHebhere 13:8 ebhabha ukubuyela ekubeni ibe nguwe owenza isigqibo kwakhona.

¹²⁹ UPilato, wayengenakuLihlamba lisuke kwizandla zakhe ngolo hlobo. Hayi, mhlekazi, Labuyela ekubeni ibe nguye owenza isigqibo kwakhona. Liyakuba njalo kuye wonke umntu, xa wathi wema wambona uThixo eligcina idinga laKhe.

¹³⁰ UPetros wathi ngoMhla wePentekoste, “Guqukani, nonke ngabanye, nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono, naye niyakusamnkela isipho soMoya oyiNgcwele. Kuba idinga likuni, nakubantwana benu, nakubo bonke abasekude, esukuba iNkosi uThixo wethu iyakubabiza.”

¹³¹ Iyekumaphi? “Kulo lonke ihlabathi, kuso sonke isizwe.” Ithe Liya kuso sonke isizwe. “Yiyani kulo lonke ihlabathi.” Ayikafiki apho okwangoku. “Shumayelani iVangeli kuyo yonke indalo. Le miqondiso iyakulandelana nabo bakholiweyo.”

¹³² UyakuLihlamba njani lisuke ezandleni zakho? Awungekhe uyenze loo nto. Lilelingqinelweyo, laze lagalelwa libuyiselwa ekubeni wenze isigqibo. Libuyela emva, kanye njengokuba lenzayo kuPilato. Owu, ewe, mhlekazi, libuyela kanye kuwe kwakhona, xa usibona iSibhalo siqondakalaliswe kanye phambi kwakho.

¹³³ Okwesibini, xa sivala. Okwesibini, sifumanisa ukuba, kwakukho enye indlela awathi wazama ukuyenza uPilato, benza njalo abantu namhlanje, wayidlulisela kooHerode nooKesare bakhe. Abalungiseleli abalungileyo abaninzi namhlanje, ama-Episcopal, amaPresbhithari, amaLuthere, amaBhaptizi, abenkonzo kaMoya, njalo-njalo, bayakuLidlulisa libheke phambili, “Ii-ofisi zam eziyintloko zizo ezingayi kundivumela ukuba ndiyenze loo nto.” Ibuya kakubi umva. Ibuyela umva kakubi kwakhona namhlanje.

¹³⁴ Andibuzi ma-Assemblies of God, bantu boBunye, ibandla likaThixo, amaWisile, amaBhaptizi, amaPresbhithari. Ndibuza wena, njengesiqu, wenza ntoni ngeGazi likaYesu Kristu? Uyakwenza ntoni ngeLizwi elithanjisiweyo likaThixo elilapha phambi kwethu kanye namhlanje, esaziyo ukuba liyakubakho, linguKristu, idinga lelilixa? Uyakwenza ntoni ngaLo? Hayi oko ibandla lakho lenza kona ngaLo. UKesare noHerode wakho abananto yakwenza naloo nto. Loo nto ayizange imthethelele uPilato. Hayi, mhlekazi. Hayi, mhlekazi.

¹³⁵ Abo baFarisi baloo mhla, bathi, “IGazi laKhe malibe phezu kwethu, naphezu kwabantwana bethu.” Lilapha. Injalo kanye loo nto.

¹³⁶ Wathini Yena, uYesu, wabaxelela ntoni? “Ninako ukucalula ubuso besibhaka-bhaka, kodwa aninako ukucalula imiqondiso yexesha.”

¹³⁷ Kwaye, owu, andikuthetheli iPhoenix oku, kodwa ndikuthethela naphi na apho kufuna ukuya khona. BaFarisindini bazimfama! Ningathini, ukuchitha izigidi zeedollar, ninako ukubucalula ubukomini; kodwa iLizwi likaThixo, elingqinelweyo leli lixa, anikwazi ukulicalula? NiyaLibethelela kwakhona. Nazi yonke into ngobukomanisi; ukuba beniyazile iBhayibhile, beniyakwazi ukuba loo nto imelwe kukwenzeka. Loo nto ayiniki mdla kum. Ndibuthiyile ubukomanisi. Ndithiye nayiphi na into echasene noThixo. Kodwa eyona nto ndinomdla kuyo yile, iBandla malilungele eli lixa, ukumnka koMtshakazi.

¹³⁸ “Ukucalula ubuso besibhaka-bhaka, kodwa imiqondiso yexesha anikwazi kuyicalula.”

¹³⁹ Kwaye ityala laKhe namhlanje, likwiinkundla zoMdibaniso ukuze zenze iBhunga leeNkonzo, nayo yonke into. Ninako ukubucalula ubukomanisi nazo zonke ezi zinto abashumayeli bashumayela ngazo; nibe nihamba ninqumlela ngaphaya kwemiqondiso yexesha, niYibiza ngokuthi “kukuyibaxa,” niYibiza ngokuthi “ilufundo lwengqondo,” okanye into ethile elolo hlobo, nihambe nimnke, bebalela abantu babo ukuba baYive nokuyiva oku. Ukuba ezembali aziziphindanga, mna, igama lam alingoWilliam Branham. Ngokuchanekileyo kunjalo. Kuzakwenzeka ntoni? Oko kuphosa iGazi likaYesu Kristu kwizandla zethu kwakhona, kwaye nilibiza ngokuba “ngumoya ongcolileyo,” njengokuba benzayo ngoko.

¹⁴⁰ Ehlabathini lonke jikelele! Ndiyaqonda ukuba niyazi ukuba bendithetha ukuthini na ngoko. Kuyo yonke indawo! Kwakutheni ukuze ningandivumeli, ndingene eSwitzerland? Kwakutheni ukuze niyenze loo nto eFinland? IGazi liyakuba phezu kwezandla zenu. Liphezu kwenu. Hayi, anizange nigxotho mna, nagxotha Yena, hayi mna, ngokuba nathi, “Asikholelwa kwinto *enjalo*.” ILizwi lithetha ngolo hlobo! Nantso ke. AbaFarisi abazimfama, banako ukucalula ubukomanisi, bacalule zonke ezi zinto, kodwa, ilixa abaphila, abakwazi kulicalula. Loo nto iyinene ngokuchanekileyo.

¹⁴¹ Ngoku sekumalunga nokufikelela kwi (lethu!) i-njongo yako yokugqibela kwakhona. Ilixo lokubethelela lilapha kwakhona. Yintoni na? “MaKabethelelwe! Sizakwenza... Asinakubenza bonke babengamaWisile; asinakubenza babengamaBhaptizi bonke; asinakubenza bonke babengaboBunye; asinakubenza babengamaTrinitiyi bonke; asinakubenza bonke babe *koku*, *okuya*, okanye *okunye*; kodwa singanalo ibhunga.” Ngeli thuba, ningavumelani njengokuba iMpuma ikude kwiNtshona, ibe yonke loo nto iyephosakeleyo. Loo nto yinto emele iRome. Injalo ngokuchanekileyo.

142 Ngoku, njengomntu ozimeleyo, ndizakukubuza. Uyakuthini ngeli Lizwi lithanjisiweyo linguKristu, iLizwi awalithembisela lo mhla? Wena, njengomntu oyedwa?

143 UPilato akazange alisuse ezandleni zakhe. Uyayazi loo nto. Wakhwaza, wakhala, nalo lonke icebo awayenokulenza. Wasilela ukuphumelela kuloo nto. Kukho intsomi phaya phezulu eSwitzerland, apho elo-...amanzi aluhlaza aye enyuke, kwindawo awazibulalela kuyo. Niyayazi imbali yaloo nto. Ekugqibeleni waphambana, waze wazibulala. Kwakutheni ukuze angaguquki? Wayengenako ukuguquka, kanye njengokuba u-Esawu wayengenakuguquka. Wayesele ekwenzile! Musa ukuyivumela yenzeke kuwe loo nto.

144 Usezandleni zakho. Umsebenzi sowenziwe, iBhayibhile ishunyayelwe, uMoya oyiNgcwele uYiqondakalalisile. Nayiphi na indoda engumoni, makube lee ukuba ithi aKanjalo uMoya oyiNgcwele kule mihla yokugqibela! Kwaye aMazwi athethiweyo, athe Kuyakwenzeka, yaye nguye Lo phambi kwethu kanye.

145 Musa ukuzama ukuyenza loo nto. Musa ukuvumela isiphelo sakho sibe njengesikaPilato. Hayi. NgewayeMamnkelele ngaphakathi entliziyweni yakhe. Yiloo ndlela kuphela onokuMsusa ngayo ezandleni zakho, kukuMthabatha umngenise entliziyweni yakho. Owu, musa ukwenza kwaloo mpazamo inye.

146 Phulaphula, amaHebhere 10 athetha oku, “Ukuba sithi sone ngabom,” singakholwa ngabom, “emva kokuba sikwamnkele ukuyazi iNyaniso, akusasele dini ngenxa yesono.” Ukuba wona ngabom emva kokuba Liqondakalalisiwe kuwe, uze ngoko uLimangale, ngokupheleleyo awunathuba lokuba ungaze uguquke.

147 Umzuzu nje, ndinenye into ebhaliweyo apha endifuna ukuyizisa kuni phambi kokuba sivale.

148 Njengeentlola kwindlela eya kwilizwe ledinga. Babesemfudukweni, bephuma eYiphutha, bephuma ngeLizwi lesithembiso likaThixo. UThixo wenza ukuba laziwe iLizwi laKhe ngomprofeti, uMoses, wamthumela wehla waya apho. Wayeqondakalalisiwe ukuba Yena wayenguThixo oyakumkhupha phantsi kweemeko Awathembisa ukuba uyakumkhupha kuzo, “NDINGUYE.”

149 Bathi bakufika emdeni, kwaKadeshe, eyona mpazamo inkulu bayenzayo, bathi bakufika kuloo mhlaba bakhangelana ngaphesheya kwilizwe ledinga, bathi, “Asinakuba nako ukulithabatha.” Laliyintoni elinye ishumi eliya? Bakhangelana kwiimeko, iwonga ababezakulahlekelwa lilo. “Siyimicikwane, ecaleni kwabo.”

150 Kodwa uYoshuwa noKalebhi bahlola. Babuyela eLizwini, yaze iNkosi yathi, “Ndininikile eli lizwe! Lilizwe elilungileyo,

elibaleka ubisi nobusi.” Abazange babale ukuba kwakukhangeleka njani na, ukuba kwakuyintoni na oku, nokuba obu bungqina babuyintoni na. ILizwi likaThixo lathi, “Ndininike lona! Yiyani kulithabatha!” Kwaye yayingabo kuphela abangenayo.

¹⁵¹ Owu, masihlole amadinga kaThixo anamhlanje. Kunjalo. Khumbula, sikwenye imfuduko, ixesha; imfuduko, ngeli thuba, hayi ukuya kungena kwilizwe ledinga lasemhlabeni, koko kwiLizwe ledinga laseBuqaqawulini, apho kungekho kubuya kwakhona. Uzuko kuThixo, siyakuba lapho! [Yindawo engenanto le ekhathini—Mhl.]

Ingaba niyakwenza njalo, ngeli thuba sithoba iintloko zethu?

¹⁵² Ndiza kubuza lo mbuzo ngeli thuba yonke indoda nomfazi izolile. Uyakwenza ntoni ngoYesu ekuthiwa nguKristu? Ingaba uyakuMamnkela? Ingaba uyakuMthabatha njengoMsindisi wakho? Ingaba uyaku...Okanye, uyakuMhlamba esuke ezandleni zakho? Ingaba uyakuzama ukuMdlulisela phambili, “Ke, u—umgaqo wam awukuthethi Oku,” okanye, “ihlelo lam alikholwa kuLo ngolo hlobo?” Lisezandleni zakho kanye. Awunako ukusaba umnke kuLo. Uzakwenzani ngoYesu ekuthiwa nguKristu? IGazi lakhe lisezandleni zakho, ukususela kule veki enkonzweni.

Masithandaze.

¹⁵³ Nkosi Yesu, sincece nje ngoku ngaleyure. Maluthi ubabalo lwaKho nenceba yakho ibe nathi. Malibone eli bandla, Nkosi, ukuba Wena unguThixo, kwaye akukho wumbi ngaphandle kwaKho. Makathi aMandla kaThixo ngoku iLizwi, liZiqondakalalise, kwaba bantu, ukuze kube nokwaziwa ukuba Wena unguThixo, nokuba ndithethe iNyaniso, Nkosi. Ndikwenzile, oku, ngokuyalelwa nguWe; njengoko atshoyo u-Eliya kudala dala, “Oku ndikwenze ngokomyalelo waKho.” Sipe, Nkosi, ukuba kube njalo, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

Ngoku iintloko zenu zithotywiwe, mntu ngamnye kuni.

¹⁵⁴ UMoya oyiNgcwele undimisile ke, kwimizuzu embalwa edlulileyo xa bendiqala ukuthandaza. Wathi, “Kukho abathile apha abangekazi.” Wanga uThixo weZulu akanakunishiya ningenanto, wanga AngaKubeka kanye ekubeni nizigqibele namhlanje, ngoko.

¹⁵⁵ Nina bantu bagulayo balapha. Andizange ndiyenze lento kwinkonzo yaMadoda angooSomashishini. Nina bantu nigulayo balapha, bakholwayo kuThixo, nibe nikholwa ukuba ninokholo lokuchukumisa ingubo yaKhe. Kwaye, khumbula, iBhayibhile ithe, kumaHebhere 4, “ILizwi likaThixo libukhali ngaphezu kwekrele elintlangothi-mbini, lingumcaluli weengcingane ezisentliziweni.” Siyayazi sonke loo nto. Ingaba uyakholwa liLo? Uzakuthandaza?

¹⁵⁶ Makungabikho mntu ushukumayo ukusukela ngoku ukuya phambili. Makathi wonke umntu ahloniphe ngenene, azole ngenene, azole ngenene. Thandaza. Kwaye wanga uMoya oyiNgcwele ngoku angasikhokelela ekubeni senze ntoni na nokuba sithethe ntoni na, ngeli lixa libuthathaka sijongene nalo apha ngoku.

¹⁵⁷ Nkosi Yesu, kusezandleni zaKho. Mna ndisezandleni zaKho. Ndizinikela kuWe. Yibuyisele loo Nto ekubeni yenze izigqibo, Nkosi, Yibuyisele ngokuthe ngqo. Ngokuqinisekileyo, uMoya oyiNgcwele wakho omkhulu undixelela ukuba yintoni na apha elungileyo nengalunganga. Kwaye ndiyazi ukuba eli khasethi liyakuhlangana nabaninzi phaya ngaphandle, kwaye ndiyathandaza ukuba Wenze ukuba kwaziwe namhlanje ukuba ndibaxelele iNyaniso, ndibe ndithunyelelwe oku, njengoko Wena wathethayo phezu komlambo ngelaa xesha xa iNgelosi yeNkosi yema apho ikulaa Ntsika yoMlilo. Makwazeke namhlanje ukuba ndithethe iNyaniso, ngeGama likaYesu Kristu. Amen.

¹⁵⁸ Phakamisani iintloko zenu ngoku. Khangelani ngapha, nize ningathandabuzi. UThixo Onamandla onke makabe ngumgwebi kuthi.

¹⁵⁹ Xa uYesu Kristu wayemi apha phezu komhlaba! Wafa, Waphilisa abagulayo, Wasindisa abalahlekileyo. Niyakholwa yiloo nto? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kodwa wathi ngethuba Wayelapha, indlela ababesazi ngayo ukuba Wayengubani na, kungokuba WayeliLizwi. Bangaphi abayaziyo ukuba yinyaniso leyo? [“Amen.”] WayeliLizwi, kwaye iLizwi lingumcaluli weengcinga ezisentliziyyweni. Ingaba kunjalo? [“Amen.”]

¹⁶⁰ Andiboni kwamntu apha kwesi sakhiwo, ngeli xesha, ndiyazi, ngaphandle kwaba balungiseleli, njalo njalo, apha emva.

¹⁶¹ Okanye, mhlawumbi uMzalwana Roberts ulapha, ndizakuthi nje makaqale umgca wokuthandazela. Ingaba uMzalwana Roberts ukho apho emva? [Kukho umntu othi, “Hayi.”—Mhl.] Akakho apha. Kulungile.

¹⁶² Ulungiselelo lwam luyakunceda ngeli thuba. Ndiyanimema, eGameni likaYesu Kristu, ukuba nikholwe kum, ukuba ndinixelele iNyaniso malunga neLizwi, nikholwe ukuba oko ndikuthethileyo kuyiNyaniso. Niyakuyenza loo nto? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

Makube njalo, Nkosi, makube njalo.

¹⁶³ Kukho indoda ehleli kanye apha. Ndifuna ukuba ujike amehlo akho; awukuboni okwaa kuKhanya kundanda phaya? Kukho indoda ehleli phaya, ekhangele kum, ithandaza. Ikhathazwa yingxaki yomphunga, nokuba buthathaka.

Ungaphoswa yiloo nto, mhlekazi. Mnu. Carr, phakama wamnkele impiliso yakho. UYesu Kristu uyakuphilisa. Andizange ndayibona laa ndoda, ebomini bam.

¹⁶⁴ Kukho indoda phaya ngasemva, entle kakhulu, ibithandaza nayo. Kodwa yintoni ingxaki kuloo ndoda, loo ndoda ilapho inengxaki yeliso. Inenyama ehlumayo kwicala layo lasekunxele. Igama layo nguMnu. Bartlett. Uyakholwa! Ingaba kunjalo, mhlekazi? Ingaba ndingongazaniyo nawe? Wangazelisa isandla sakho; singabangazaniyo. Kunjalo. UThixo akusikelele. Kholwa, uyakuphiliswa.

Niyakholwa!

¹⁶⁵ Umxelelela ntoni loo nto? Uyakholwa ukuba mna ndingumprofeti waKhe, mhlekazi? Ewe, mhlekazi. Ukhathazwa kukuphazamiseka ngokwasemoyeni, uphazamiseke kancinane kwizinto zoshishino nezinto ezinjalo. Injalo loo nto. Injalo loo nto. Mnu. Carlson, uyakholwa ngentliziyo yonke ukuba uYesu uyakukulungiselela loo nto? Ingaba ligama lakho elo? Yindawo yakho leyo? Kulungile, ungayifumana into oyicelileyo. Amen.

¹⁶⁶ Umntu othile *apha* uyakholwa yiloo Nto, amen, umntu othile onokholo lwenene lukaMoya oyiNgcwele.

¹⁶⁷ Nkosk. Waldorff, ndiyayibona loo nto. Mna, Ndiyakwazi. Hayi, akwenzelwa wena. Kungenxa yolwaa sana, kwaye olwaa sana ngunyana osisizukulwana kuwe. Andizange ndalubona, ebomini bam. Yinyaniso leyo. Olo sana luhlutshwa yinkathazo yeliso ebagele ukuba lube nokungahlangani nezinto ezithile ebelinako. Lowo ngu ITSHO INKOSI. Uyakholwa!

¹⁶⁸ Nkosazana, ugula kakhulu. Unobuphatshu-phatshu, unengxaki yesisu, uphantse ukuba nengxaki yokuphelelelwa kwemithambo yoluvo. Uyakholwa ukuba uThixo uyakuphilisa? Marry, kholwa ngentliziyo yakho yonke, kwaye uYesu Kristu uyakukunika umnqweno wakho.

Yena usekubeni wenze isigqibo sakho!

¹⁶⁹ Nali inenekazi elincinane lihleli apha, lithandaza, likhangele kum kanye, intloko ithobile. Phakama ukhangele kum. Ngumntu olungileyo. Awuveli apha. Uvela kude ukusuka apha, eNew York. Kodwa ukuba uyakukholwa ukuba uYesu Kristu uyayiphilisa, Uyakukunika ubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Uyakholwa yiloo nto? Nkosk. Bryan ovela eNew York, kholwa ngentliziyo yakho yonke, kwaye unokuwamnkela uMoya oyiNgcwele khona ngoku.

¹⁷⁰ Kusekwenzeni kwenu izigqibo, zihlolo! Niyakholwa yiloo Nto, iLizwi lizenza Libonakalaliswe? Niyakholwa ukuba uYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade? Andibazi aba bantu. UThixo unguMgwebi wam, andibazi aba bantu. UYesu Kristu uyabazi. Uyakwenza ntoni ngeli Lizwi

lithanjisiweyo, njengokuba Wathi, “Njengokuba kwakunjalo ngemihla yaseSodom, kuyakuba njalo ekubuyeni koNyana woMntu”? Ukuba le nxenye iyinyaniso, uMyalezo endiwushumayelayo uyinyaniso. NguMoya oyiNgcwele, ngokwaWo, usenza ukutolika OkukokwaWo, ukuba yiNyaniso le. Amen. Kholwa kuWo ngentliziyo yakho yonke! Uyakuyenza loo nto?


¹⁷¹ Yima ngeenyawo ngoko uWamnkele, eGameni likaYesu Kristu.

¹⁷² Ngeli thuba uMoya oyiNgcwele ulapha, ndifuna ukubeka izandla phezu kwezi tshefu zilapha. Masiphakamisele izandla zethu kuKristu.

¹⁷³ Nkosi Yesu, siyakholwa kuWe. Siyazi ukuba Wena uyiNyaniso, ukuKhanya, iLizwi. Ndibeka izandla zam kwezi tshefu. Ndiyathandaza, Nkosi Yesu, ukuba amandla aKho ajikeleze kwesi sakhiwo siphela nakwezi tshefu, phezu kwezi dyasi zincinane nezinxibo. Kwaye wanga uMoya oyiNgcwele anghela phezu kwabo, Nkosi. Siphe oko. Kwaye banga bangaphiliswa, ngabanye bonke, kuba iLizwi laKho liyiNyaniso. Siphe oko, Nkosi.

¹⁷⁴ Ngoku kuye wonke umntu osebandleni, uyakwenzani ngalo Yesu kuthiwa nguKristu? Kusesandleni sakho. Musa ukuvumela abantu bakuxelele. . . Ndithetha kubantu abakweli khasethi, abantu abalapha esihlweni, niyakwenzani ngalento namhlanje? Kungani ungaMamnkeli nje, wonke umntu ogulayo olapha? Yonke indoda ethandabuzayo elapha, wonke umfazi othandabuzayo, kungani ungaMamnkeli njengoMsindisi wakho nje? Awunakuze uMhlabambe asuke esandleni sakho. Umgaqo wakho awungekhe uMsuse. Akukho sepha yaneleyo yakwaFuller kweli lizwe yokuyisusa loo Nto. Inye kuphela into enokukwenza oko, Mfake ngaphakathi entliziyyeni yakho! Amen. Ingaba uyakuYamnkela? Phakamisa izandla zakho, ngoko. Uze uthi. . . Mnike ukubongwa nozuko.

¹⁷⁵ Bawo waseZulwini, bangabaKho. ILizwi laKho liqondakalalisiwe. Abantu bangabaKho. Ndibanikela kuWe, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

¹⁷⁶ Phakamisani izandla zenu ngoku niMdumise. NdiMnikela kuni, eGameni likaYesu Kristu. 

SIZAKUMENZANI NA LO YESU KUTHIWA NGUKRISTU? XHO64-0126
(What Shall We Do With This Jesus Called Christ?)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi ngeCawe emva kwemini wama-26 kuJanywari, ngowe-1964, Ramada Inn, ePhoenix, e-Arizona, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-2002 ngabe:

©2002 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org